

Kwabo bafuna Into ezintsha

ezintle!

Buzani kuzo zonke ivenkile enime-
lene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa
sisitora sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA

INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAPU NEZIGUBUNGVELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba
zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla
zezo

YUZI .. Eguwa

Nakwa-Ndabakazi

HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa
kuyo impahla epuma kwisitora sakwa
Aluveni ku Lubisi Ebatenjini
(Southeyville)

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwe- zindawo
zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo
ngabantsundu enjengokudla, ne- zikumba njalo njalo.

JOHN IVRINE & C.O

PEARCE & BROWN,

Abatengi bezi Limo, nezi Kumba,

Betengisa yonke into

EMGOMANZI

Sine ntlobontlobo ezinyulwe kakuhle zabantu base
Sikolweni neza Maqaba.

Impahla yetu siyi tengisa ngamanani apantsi ukwe-
nzela lamaxesha sikuwo.

Sine Bhokuva ezine ezintsha, nenqwelo ezisixenxe
eseke zasebenza esizi tengisayo, nezi nokuqeshwa.

Kuko umkandi wenqwelo apa, umsebenzi awenzayo
ufezekile, kanjako ubiza imali epantsi kanye.

YIZANI KUZIBONELA, KWA

PEARCE & BROWN.

Umgomanzi, Pesheya kwe Nciba.

AMAYEZA

ADUME KUNENE,

JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

I AMAYEZA ava valezwa kakulu noumniniwo
noenxa voku noninelana kwawo nezo zifo enzelwa zona:
noenxa voku kaula uku nceda noku noawenzakalisi
umzimba noenxa vohu nantsi hexabiso lawo noenxa
vokucoceka ekwenziweni kwawo noenxa voku ngabi
nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno

engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure)
Umiza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe
oka, nezinye inunu.

ELONA (Sp)
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye
izisu ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum)
Umiza ongenzi xesha ukupilisa izinyo
UMFUNO YEZA (Herbal Tincture)
Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze
bunzi, nokubeta kwentloko yonke

UMHLAMBI LISO (Eye Lotion)
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline
Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngase,
ukungatandi kudla, lcesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).
Amafuta omti okupilisa ukuqagamba komzimba,
Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omti okupilisa ukutsha, ukutyabuka,
nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA
(Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana,
nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umiza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye
nkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA
(Indian Tonic).
Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba butataka,
nokungatandi nio itywayo.

UBUGQI (Magic Healer).
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonnda
njalo njalo.

IGUDISA (Emolliente).
Into elunge kunene etanjiswavo ebezwa bubebu-
hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).
Lisetyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo
sokuhamba igazi sendele.

Izalatio zendlela yoku wasebenza zishicilelwe
ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezi-
tofilana ngazinye, eziti zakulundelwa ngokufez-
kileyo angaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko
kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esi-
rweqe sokulumkela okungekehli.
Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqim
elisebenza ngemiciza, e Bhofole, atengiswa nguye
nge bhokisi nange Bhotile nangamngosa ake kwi-
nkoliso yedolophu zale Koloni yonke, e Natal, e Free
State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
E Qonce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D
Drummond & Co.
E Ngqamakwe—Mrs. Savage.
E Monti—B. G. Lennon & Co.
E Rini—Y. Wells.
E Rikeni—R. Stocks.
E Komani—Mager & Marsh.
E Bhayi—B. G. Lennon & Co.
Engqusha—W. A. Young, Esq.
kaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

UYAFA NA?

CELA AMAYEZA E GQIBA

LASE GCUWA

Pesheya kwe Nciba.

(1) AWOKOHLOKOHLO

ISHELENI NGEBOTILE.

(2) AWOXAXAZO

ISHELENI NGEBOTILE.

(3) AWESISU

ISHELENI NGESIQUNYANA.

i (4) AMAFUTA EZILONDA

ISHELENI NGEBOTILE.

(5) ELEZILO

ISHELENI NGEBOTILE.

(6) ELAMEHLO

ISHELENI NGEBOTILE.

(7) IMGUBO YEGAZI

ISIKISIPENI NGESIQUNYANA.

(8)

IYEZA ELINAMANDLA

LOXAXAZO

ISIKISIPENI NGESIQUNYANA.

Funda Kakuhle Yonke Into

Le Newadi Ekufundisa yona.

Amagosa e Gcuwa ngo

BAKER, BAKER & CO.

HARTIGAN & CASEY,

Abatengisi bempahla ngempahla.

AHLALA batengisa impahla ehambayo
kanye ngenyanga e Mtonjeni nase
Balini. Yonke irniso emva kwe malike ba-
tengisa impahla ehambayo nokuba yekaba-
nina. Ubani uyinikwa emva komsito imali.

E Qonce, 20 July, 1886.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE

PAINTS, OILS. AND VARNISHES

Pots—Kafir Hoes—Red Ochre—Cutlery, &c.—for
Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO

JOHN J. IRVINE & CO.,

ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele

beza Mankazana

E QONCE

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/-

Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2|d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3|d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayi-

tengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE

E RINI

NANTSO INTO OBUKADE UYIFUNA

BAHAMBI NO MZI WASE QONCE

—u—
PAUL XINIWE

UVULE

IKAYA LABANTSUNDU,

DURBAN STREET, E-QONCE,

Entla kwe " Mvo Zabantsundu " ezantsi ko Ngomti opezulu.

IYINDAWO ENTLE YABANTU NAMAHASHE

Kuni ke NTO ZAK'WETU.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH, e

**Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe
ofisi ngase mcancatweni.**

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU.

J. E. L. HULLING,

ONYANGA NGEMITI YASEKOLONI

NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yezele kwi Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele— xa umntu ebheleli lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.

Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke eziba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/ Oka Kulling umncedi onyaniso wesiau ae gazi, ibotile elula 3/-, enkulu 6/.

Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge otile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/- ne 22/-

Aka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa nama dyungundungu—linge mbizana 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/- inye.

Aka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange bokisana, 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/-

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngoambu ezimbiwa apa e Koloni ezi hleli zigcinwe.

Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlambi uye kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungeleyo ngemali encinane.

Ndalamba, Ndapel' Isoya

FOLOKOCO!

BANTSUNDU! BANTSUNDU!

" Especially " abanga pandle Yizani kudlisa nityebise amehlo enu kule nkumba yakwa

Impahla zitu ezintsha zifikile

I Tyali zika Ma—nezika Totosi, nezika Dade, ziyalala, azivuki. Ityali zaba Ntwenyana (Uyaqonda kodwa ?)

I tyali ezi lufipa— zilala " too. "

Ezokutshata ingubo, nokuba ufuna iyadi, nokuba ufuna zisikelwe kuwe.

I Printi—Ikeleko—Ilinzi — Amalapu ebempe—Izitofu (ziyi micako)—Iqiya ze keshemiya—Yonke, impahla itshipu ngoku ngum' mangaliso.

Ezamanene ingubo esezi tungiwe.

Ibati ne Bhulukwe ze kodi " ebanzi. "

Amanene ayazisikelwa azitungelwe ezawo ingubo ngumtungi.

Siyazi dudela zonke ivenkile zalapa ngempahla zitu.

Inkumba yakwa PASCOE,

Ezantsi kwe Tyalike yam& Skotshi.

Paulani, niqonde kakuhle, ningayiposi—

Amagama ka PASCOE

AMADODA ati ngu SIGINGQI.

ABAFAZI bati ngu SILINDI.

UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

ELIKA

ISAZISO

ORSMOND

IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yeli- lizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufe- leni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelve zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendle- la elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele. namava amaninzi umninilo, uliyaleza nge- no'qiniseko eliyenza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwa- nale' Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi ngqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zi. sheleni zontatu, izele liyeza ehnga tata intsu- ku ezilishumi. Ibhottle nganye ihamba ne- ncwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G.E COOK

KING WILLIAM'S TOWN,
Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

KWA G. WHITAKER, kwivenkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo- njalo, njalo-

ISAZISO ESIKULU,

ISIBHENO NGO TUNG' UMLOMO.

KUCINGELWA ukuba ngo 22 September, 1887, kuhlangane abantunye (delegates) bentlanganiso zendawo ngendawo, eziziqibe kwelokuba isikalo somzi ontsundu siye kwanekwa pambi kwezipakati ze Nkosazana.

Kutetwa indawo ezinje nge Bhayi, Cradock, Nxukwebe (eliquka i Bhofolo ne Mpfu), Ngqushwa, Qonce, Hewu, Komani, Abatembu, (ngapeshya nanga ponshono kwe Ndwe), Gqili, Monti, nezinye indawo,—kuba kufuneka ziqoshelisiwe izinto, njengokuba zisalata ingcingo ezivela pesheya. Indawo engati ipakati yokuhlangana kwayo yonke lemizi li Qonce Ukuba ezinye indawo zinento ezingayalatayo

zingabhalala u

TENGO-JABAVU,

Ummemi, pro tem. King Williams Town, | 1887.

Iveki.

INCWADI ye Ruluneli u Sir H. Robinson efike kwi Komiti ese Bhayi ngeveki edluleleyo ngomcimbi wesibheno ngoku- tungwa imilomo kwabantsundu, ivakali- sa ukuba i Ruluneli ifumene incwadi evela kwi Komkulu le Nkosazana exela ukuba ucingo olwabetwa e Bhayi lusiya e London Iwafika, nokuba ulaulo lwe Nkosazana luhalele ukusipulapula is- mangalo somzi ontsundu, xa sifanjiswe nge Ruluneli.

NGOKO indlela ihlahliwe mawetu ; koda kube ninina sitingaza? Litinina i Trans- kei.?

SIYATEMBA ukuba aziyiyo inyaniso inteto ezivela Embo ukuba abantsundu belo abangaba basenalo ilizwi entweni Zombu- so, batembela ku Mr. Donald Strachan ukuba wobotyela oyena mntu bangantu- melayo e Palamente ukuya kuba ngame- hlo, nomilomo, nendlebe zabo. Siyaba- vusa kwangoku abantu abantsundu ukuba bayakuba babamba inyoka ngom- sila ngalonto. Kanibuze niti utsho nganina ?

U MR. WILLIAM D. SOGA, owamkele indawo yinkaba ngumncedi (Sub-Editor) kwi Mvo sinqwenelela impato entle adla ngokuyifumana Umhleli we Mvo kumawabo.

NGOKUDLWENGULA umntana omncinane wake e Dayimani ityala lika She- leni libekelwe i Jaji. Lenjiwenjalo nelika John, umf ontsundu obe iseyile ipela yo Gibson Brothers.

INKOSAZANA ivumile ukuba Umhlaba- wase Rode (Emampondweni) ubandakanywe nomhlaba wakwa Rulumente.

IQUALILE ingxoxo kumapepa ase Rini ngokuba Ixesi libe nomcancato nalo kwi zibuko lakwa Tesse.

ZISITIBA i Bishop ze Church of England ekutiwa zigqile kwiminyaka emashumi asixenxe ngobudala.

IZULU like ladlala kwi Ofisi yo Cingo e Naauw Port ngapaya kwe Cradock, la- nelel ukutshisa ingubo ebezigqubutele imfumba yo cingo.

KUVAKALA ukuba ngu Mr. G. Sichel, obe futula ese Bekeisdorp ose Kapa ngoku, omiswa ngabecalalamadoda ano- buhlobo kontsundu e Palamente ukuba amele elase Mbo. Njengokuba simazi ixesha elide u Mr. Sichel, eselilungu lase Bekeisdorp e Palamente, singavuya epumelele.

ISIVUNO selama Ngesi kutiwa sibe sin- cinane nonvaka, ekubonakala ke ukuba ingqolowa ingati mhlambi ibe nexabiso kweli letu.

IJAJI iqale ukuteta amatyala ngalo mjikelo e Cradock ngom- Gqibelo, ngolwesi- Bini, izolo, ibihleli e Somerset East. Ngomso ise Nyara, ngom- Gqibelo iya kuba se Bhofolo, ze ngolwesi- Bini ibe lapa e Qonce.

INKOSIKAZI ka Mr. Huntly obesakuba yi Mantyi yase Rini ibhubhe ngeveki egqitileyo.

U SIR GORDON SPRIGG usate gxada e Bhayi ngaleveki.

U MR. A. C. WYLD, Umantyi wase Bhayi ukangelelwe ukufika ekupeleni kwale- nyanga. Use Mauritius okwangoku.

IXABISO lokutumela ucingo e Transvaal lintonye nelokutumela ucingo kweli:— Yisheleni ngamazwi alishumi.

INENE elingu Mr. McArthur elibhala kwenye ye Banki zase Kapa lifinyenwe zihange ezihlanu e Kapa esitalateni esiyi Somerset Road esiya e Sea- Point, zalobula ngamaqamesi nangamanqindi. Ute akwa pantsi zamsetsha ingxowa zemka neponti ezintatu. Zela kwantsiza. Nanamhla. Ulele siteta nje.

NGE-CAWA engapaya e St. Mary's Church e Bhayi u Rev. H. Mosel, B. A., ubekwe izandla ngu Bishop Webb, no Ven. Archdeacon. White, M.A., no Rev. Dr. Wrigman, engiswa ebufundisini be Church of England, ekweli. U Mr. Mosel usakuke abese Rini.

IPEPA lase Natal i *Witness*, liti kekwako : unyikimo lomhlaba e Ladysmith (Natal), ngo 18 August.

ABAMHLOPE e Johannesburg e Transvaal, bafikile kumawaka amatandatu.

IGWANGQA elingu Henrich Firdricks litiwe nka ngenyanga ezintatu Yimantyi yalapa e Qonce, ngokuba imali kwi Ofisi yomgcinini mahlati.

EZASEMA Mpondweni zezokuba ivenkile ka Mr. Rock, Emfundisweni, ipangiwe ngama Mpondo. Isizekabanini ku- kuba u Rock engumpati we Posi, kwafika incwadi ka Mhlangaso ibika ukuba omnye konyana bake ababini ababeye kufunda kwelase Jermeni ugodusiwe, use Natal ngenxa yokungapili, ude wabhuhba umntwana engekayifumani Umhlangaso incwadi leyo. Udliwe £300, u Mr. Rock ngokuyigcina incwadi leyo, kuhanjiswa kwesigwebo leyompango yevenkile.

EZINYE indaba ezivela kwelo zezokuba. kukangelwe ukuba kuliveyimpi ka Mbali no Qipu ngenxa yobusela obukoyo. Elo kutiwa lintywilile etywaleni ngohlobo olungatembisiyo.

Wena ke. Uyangena ke u Rulumeni.

JAMES SOMTUNZI (Brandfort) Ayiko apa loncwadi.

T. T. (Bowden, Ebatenjini) :—Inteto yako ngomnye umntu idlubhukile, ayi- nakungeniswa.

IBANDLA elipete imcimbi ye Cape University limise u Mr. J. H. Brady, M.A., ukuba abe yi Examiner ye French ngo 1888, lamisa u Mr. J. D. Coley, B.A., kwi Literature.

AMAZULU angu Sohlotoshashe, Ngalo- nkulu, no Ngazi adliwe i 10s indoda yi- mantyi yase Mgunundlovu ngokuhluta umntu inkomo ezisa eskiti.

LE yinyanga yokugqibela yokuba iroIwe imali yamapekepeke (House Duty). Siwucela kwakona umzi wonke omelele yile Rafu ukuba uke uzihlaziye ngokulesa amazwi abongazayo omfo ka Tshemes, umhlobo wenene wezizwe zakowetu, kwakweli pepa. Isala kutyelwa, &c.

IYANCONYWA ifiva e Pearston (Folafile).

U MR. SIVEWRIGHT, lo ukankanyelwa ukucelwa ngama Bhulu ukuba amele elase Mbo e Palamente uzicelele ukuba abe lilungu lembumba yama Bhulu, i Bond.

INTLAKA entle ike yada yaroelwa 5d. ngeponti. Iyafuneka.

ISITORA sakwa Messrs Malcomess & Co. esise Monti siyandiswa ngesebe elikulu.

ZIBE nkulu nase Natal imvula.

ALISHUMI linesibini amatyala eyaku- wapulapula i Jaji apa e Qonce njengokuba izakufika nje. Asitoba awase Qonce kanye; mabini avela e Cumakala; linye elivela Qumra. Kula mane avenduma, mane awamasela, mane awezidlwengu.

INKABI ezilishumi elinenkabi ezintatu zika Mr. P. Wiltshire, wase Mkuhlobo, zife ngu rongxina e Qibira kulendlela isuka e Qonce iya e Rini.

INGQAKAQA ingene e Lady Grey ngenen- no kwe Gqili. Ifike no Msutukazi endlwini etile. Ngenxa yokuhambelana kwabantu, bahlanu esigqibelelwa (28 Aug.) ukuba ibabambile.

UMANZABOMVU selede wayakupatelela nase Colesberg.

KUSANDUKUFUNYANWA i Dayimani e De Beer's Mine ekutshwe ngamanqanqa- nqa kumfo ontsundu obeyifumene kuba ude wanentsuku elele.

SIVA ukuba eyaba Tembu intlanganiso yokunyula abantunye bokusa kweyaku- base Qonce apa, iyakuba kwa Mr. Maho- nga, Emacibini nge 13 September.

ABAMBENE odwa awama Ngesi amape- pa ngendawo yokuba lilungisile alilu- ngisile sinina ipakati lo Mntan' Omhle ukusisa iso isililo sabantsundu. Ama- ninzi adulusele ekubeni lilungisile.

O MESSRS DYER & DYER bayayivala ibizininzi yabo ese Komani.

U NQALO (Mr. F. N. Streatfield) obeke eyimantyi kwa Gatyana umiselwe ebun- manyantyi base Kuruman kwelaba Hlambeli.

UMBONISO wonyaka wase Gala uyakuba ngo 6 April ozayo, owabamhlope woba ngemini eyandulelayo. Indawo eziya kungena kulowo mnyadala, zezi Glen Grey, Wodehouse, Maclear, Ngcobo, Barkly East ne Xalanga.

NGO 1 September, i Jaji e Kapa zibe zipulapula isibheno sika Mr. Jameson kwibango abe nalo ngakumfi u Mr. Irvine, kwagwetyelwa u Mr. Irvine kwakona. Ibingu Mr. Leonard no Mr. Jutta abebemele u Mr. Jameson; ingu Mr. Innes no Mr. Schreiner ngaku Mr. Irvine.

U MR. ROGER SHAW wase Rini obeselelveki ntu elahlekile, ufunyenwe sefilele kwiqla apa ekutiwa yi Grey Reservoir.

IPEPA lase Rini i Star lifuduselwa kwele Golide ekupeleni kwenyanga.

U MR. DE WET Umpatiswa-Bantsundu usate gxada e Somerset East—ikaya lake.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI TATU SEPT. 7, 1887.

Umelo lwe

AMAPEPA Amange-

Transkei. si aselexoxa ngamadoda ayakumela izitili ezitsha zase Transkei Palamente. Ama Bhulu apendulelwa e Kapa aseletyumbi u Mr. CLOETE, oligqweta le Jaji, elisenyongweni kuwo, ambandakanya no Mr G. K.-JACKSON. Ama-SPRIGG ateta ngo Mr.

SIVEWRIGHT ekuvakala ukuba uya kumela elilunge ne Kokstad axhaswe nasinonopu salo u Mr. DONALD STRACHAN. Sekunjalo.

Amadoda aweza ngoluvo oluhle kuye wonke kwanomnyama ngango Mr. SICHEL no Col. GRIFFITH. U Mr. SICHEL ukankanyelwe lilunge ne Kokstad. Linene ebekile lise Palamente ngapambili limele i Bekeisdorp. Lazelona kuma Bhulu ngokusuka libonise umoya wobuhlo- bo ngakwabantsundu alaba sanyu- Iwa. Singavuya sivile ukuba uya- kuvuma ukuba anyulwe yilompi ipetwe e Kokstad, kuba koba kungene indoda eya kuwulungiselela umzi wakowetu. Ingqandendana eziseleyo kumawetu esezinezindlu ezilungele ukuba zingene ekupe- nduleni lemzimbi, siyatamba ukuba zoncudisa umzi wonke ngokuti indo- da enjengo Mr. SICHEL ibeko e Pa- lamente. U Col. GRIFFITH igama lake lizukile kumawetu, ngakumbi ku Besutu. Ngumfo owawulwela umzi ngemini zokuhlutwa kwemipu ngangoko wayenako, pofu esesicaka sika Rulumeni, Singaba sifumene indoda tina bantsundu engene. Yena ukankanyelwa umandla omelele la Mamfengu.

Into kodwa enkulu okwangoku kukuba amadoda agcine ukuba amagama awo angasileli xa kungeniswa amagama amadoda encwadini yabanelungelo ukupendula into zombuso. Londawo yeyona.

Impawana.

Kusand' ukutshiswa into eninzi kune- ne yemali yamapepa e Nottingham e England. Lomali ikumawaka amashumi matandatu eponi. Itsha ngalendlela:— Abalesi bayawazi amangqaba namangqu- bakazi apa ayibuka kunene imali, eti ike yafika kuwo ibe iye " apo kungayi lubu- yayo." Lemali yamapepa ibimana uku- fakwa etyeyeni ephilwe kwigumbi elim- nyama pantsi komgangatho wemiti. Bade bafa abantu abakulu ingaziya yintsapo, ete sebafa bona, yabhaqwa letyeywa izele ngamadlavu yatshiswa ingazelelwe nto, kanti kutsha. indyeyo enkulu kunene. Lonto seyisalyanwa xa imali yamapepa seyungututu!

Amaxego anjalo ukufihla imali aseko nangezimini, amanye ayimbela ezindle Ke sabaliselwa kutsha nje ngeyadaka Emacibini, kwelipezu, ibimana ukuya kumbelwa endle, lafa ixego lingabanga nako ukuxalata indawo ekuyo elusatshe- ni. Lwanganjika iziduli nentuku, luga- ba intili akwanceda luto. Yadaka eninzi Kunene ingasebenzanga nento.

Kesabaliselwa ngazo ezintsuku ngexo- go elendis intombi yalo kudala. Lonto- mbi seyide yendis nayo yanabazukulwa- na Yati ukulotyolwa kwayo yaroelwa imali kuba inkomo zazitshayelwe kwati mu sisifo ngeloxa lokwenda kwayo. Ku- rolwe lisoka amashumi omabini eponi. Lomali isagcinwe yilongwevu, isage- nwe ngelapu elo yayinkinwe ngalo iTso- ka. Kutiva ubesiti umneme mhla into- mbi yayo ite yayishiya indoda ngenkatozo abazizyo abanezindlu—iti xa iputumileyo u indoda, anjike etyeyeni ayatalise uku- ba, zizo eti inkomo zakowenu, ziseko. ndingakutela." Lomali isangongelwe Kwele lapu eyayimikelwe isangongelwe kulo !

Side siti lento imali inqabileyo ku- Kuba igcinwe ngulomhlambi osagcine imali yemfazwe ka Hintsu—imali eti ukuba ithonile etyeyeni ibe ithonile ayisakuzi ibuye isebenze.

Ukuba lamadoda ebequba imfanelo ngemali yawo ngeleboleka amadoda ete- mbekileyo asebenzayo, enze into eziyi- misebenzi amane wona eyibuyisa inama- tole. Kokona tina bantsundu singaqala- yo ukukonzisana. Kona nje abafunde amashishini basakumana bewafunda ze babuye bayokulalala emakaya. Yayi- ngeyiyo imali eginwe ngoluhlobo yinina leya yabanga ukuba umzalwana oihlwa- ywe gadalala kulamazkeliso we talente? Zitinina i *Theologians*, nezinye i *ologists*?

Siziva singenakunceda ukuba singayi- tabati lencwadi ilandelayo ibhalwe li ledi elimhlope kwi koranti yase Komani:— " Isikolo sokupeka. —Queen's Town, 30 August, 1887. —Kumhleli- Nkosi,—Ke- ndabona ngazo eziveki kwakwelipepa lako ukuba kuko inteto yokuba kuvulwe itlaka yabafuna ukufunda ukupeka (into ebikade ukunika kulomzi). Ndingumfa- zana osand' ukutshata, ndinomnqweno wokuyikolisa inkosi yakwam, ndimane ukuyicayitisa ngokugquguquka ukupeka; ndinga ndingenza umwuzo kwelipepa ukuba iyakuti kuninina iqukunjelwe lonto? Ndiqinisekile ukuba baninzi abafazana kulomzi abangasihlabayo isikolo soluhlobo endaweni yokuba bafumane bacite amaxesha kumdlalo apa we tennis neminye.— Ndingu MFAZAZANA.

Anjalo wona amaledi enyaniso—anako ukwazi, kodwa asafuna ukwazi ngapezulu. Kautlekise umoya weli nenekazi nowenzi ntawana zigqagqwe kwizikula ezi zikoyo, ugqale umoya womntwana oqele- qeshiweyo. Ezakowetu ileli sibona si- bonile zivuswele umoya wamakosikazi Amangesi wokuwoyika nokuwabeka amadoda ngangokuba ziti kuwo " nkosi " njengeli nenekazi libhale lencwadi, nanjenge nenekazi elingu Sarah, inkosikazi ka Abraham : ukolisile ukusweleka umoya wokuwoyika nokuyikolisa indoda. Isiqamo soku namadoda ngamadikidiki apa angabatandiyi abafazi bawo njengoko ku- funekayo. Lendawo seyidale amahlazo amaninzi kunene kwizindlu zempi eku- tiwa ifundile kangangokuba imele ivele- lwe yalungiselelwa njengento zonke. Kakamsinyane siyakubuya siyingene ngokuzeleyo.

Xa sondeleyo entlalweni yase makaya sicingayo, sifumana ukuba imihlambi ehleli ngesoko lobuntu obundilekileyo ezindlwini mibini. Ngama Ngesi nama Qaba. Impi egqoboke ibike yapantsi kwe- ngqeqesho yobuqaba kwelituba asiyika- nkanyi. Kuyo yomibini lemikondo si- buka ukubekwa, ukuhlonelwa, nokuta- ndwa kwendoda ngumfazi. Ungade'uti kuma Ngesi' ingaba inkosikazi yoyika ukugxotwa na betu lento iduda yiququzelele kangaka indoda; ema Qabeni mhlambi ungati woyika umnqayi, kanti hayi. Aba bantu baqeqeshelwe ukukumbula" ukuba "ingwe idla ngamabala." Laye ibala elihle ku Mrs. ikukuyihlonela nokuyibe- ka indoda, nendoda ke imbeke umfazi. Ezizinto zinencwadi zazo kuma Ngesi; kweyutu inteto asikayiboni incwadi yo- luhlobo, namadoda abanakala enom- nqweno kwokwenza incwadi asuke adyale- rele ezintomini, nakona ajazingeni intsimi ezinezifundo ezikulu ezinjenge yexegwazana elati entombazaneni eyayi- ya kuzifunela ukwenda " kot' amehlo am la ndize kukutyela," eyati yakwenjenjalo yangulwela kwendini kwayo; yati eya- layo ukukwaka amehlo- ayafu- mana ziyalo, yayifumana intlalo embi kunene. Ezi zinto zinkulu, kuxome- keke kuzo ukwakaka komzi ontsundu, ngoko bezifanelwe ukuqwalaselwa. Ba- niini *too much* abahlolokazi abangafelwa- nga ngamadoda, ngenxa yokuba engase- ko amaxegwazana okuyala umtinja- sekwayekelwa izikula zentombi.

Ke kwako ubugwala pakati kwenxenyeyamawetu ngendawo yesibheni. Lom- hlambi woyikela ukuba siyakuti ngoku- bhena sipatwe gadavu li Kapa. Oku yi- mposiso. Ukuba sipatwa ngometo nje- ngoko unjalo akuko bunzima singabuya yo pantsi kombuso lo, kumaxa kutyekei- weyo emteweni esiti sive ubunzima nje- ngokuhlutwa kwemipu. Siyafunza tina ; siti: Komkulu mabandla akowetu nakuba nento eningayiqondyo. Ngokuhlala nibu- nxwemnxwem kwinto zalomzi nizihle- ba kwana. Kottiwa, " Ezinto zisezinye- makazi, zisarusene emhlatini, naku zi- bonakala zingawasebenzi amalungelo ombuso, mazenzelwe imiteto enzima yokuzenza izigogo." Nawe umntwana uti epakati kwamasango oko abalale eze- nza umntwana wase mzini, uhlal' umo- yikela ukuba akahlile ekayi' apa, intilizyo yake ikude. Kunjalo nase mbusweni. Singabe Nkosazana, benkululeko masi- ngazipatisi kwamakeswa ngokwetu. Bhe- nani, kwinto eningayiqondyo, owape- sheya woqala aqonde ukuba singabase kaya asizizo inyamakazi ekumana kusi- tiwa sizizo- amabharibhari.

Impi yakowetu emele umandla wase Monti iyifanelwe imibulelo yomzi wonke ontsundu. Ngolwesi-Ne (1 Sept.) ama- dodda aseshumini linamadoda amane ebe- ye ku Captain Brabant, ilungu le Pala- mente elimele isitili eso sase Monti, eyekumbulela, egameni lomzi ontsundu, ngenxa yokukumela ezimifanelweni umzi ontsundu ngapandle kokuwaculula nge- nxa yebala. Ingxelo iyakubon ak a la kwelezayo ngeyutu inteto.

Lamazwi enkutazo siwatataba kuwetu u *Sigidimi*, uti eteta into esenyongweni Kuti:— Kuvakala ukuba umzi ontsundu osetl' unokuluqonda olulaulo upantsi kwa- lo namhla, awuvutwa yilendawo yokutu- ngwa imilomo; wave ufanele nokwenje- njalo, kuba akuko bantu bangati besene- nto abangayizamayo yokuputuma ilu- ngelo labo nelezizukulwana zabo, bayeke bangazami, nokuba abayikupulwapulwa mntu ngaloxna. Namhla ngalento voku- tungwa imilomo umzi ontsundu ufuna ukusebenza nje ngohlanga, nanje ngabanta- nana bamntu mnye, bona bafela nda- weni 'nye bancedisane.

Sifikelwe yile newadi: — Colesberg, August 30, 1887.—Usapo lwetu beluwiwa yi Inspector u Mr. John Samuel, olupetwe ngu Mr. Elijah Mdolomba, Iwenza kaku- hle isimanga — Iwenza into enganganya ibeko apa e Colesberg. Abapumelele kwi Standard IV. ba 5; andisateti nge Standard III. and II. Simncoma kakulu lomfo ka Mdolomba, njengokuba no Mhlohi enjenjalo. Ngokukodwa iyitishala la yokuqala apa e Colesberg efundise abantwana bapumelele ngoluhlobo. Siti wanga angapila kakuhle lomfana." Nati sitsho, siti kulondawo!

Sinosizi ukuba singabanga nako ukuyi- ngenisa ingxelo yentlanganise ye " Lu- ngelo le Mvo" yase Katikati eyayingo March, esifumana ukuba asisenakuyi- ngenisa kanye ngoku ngenxa yokuba seyindala. Sitemba ukuba luyakusixole- la u dodana Iwakowetu okwanamhla nge- lotuba. Ipepa aliko madoda; jucani. Ikwayilonto ngengxelo ze Jubhili zase Komani nase Mta ebesezilahale ukunge- na, zifumaneka ngoku zindala.

Kuyasivuyisa ukuba ngehambiso entle yemfundo kwa Bhaca. Uti owakona:— Nati apa kwa Bhaca asilalanga butongo njengokuba ndicinga ukuba umfo wase Koloni nowela Mamfengu mhlambini ecinga ukuba apa Embo kutiwe bhu ebu- tongweni kanti akunjalo. Ngani? Ndi- tsho kuba wati akufika apa tina umka- ngeli, kuti ma Bhaca, samtsholonga nge- lomfno iliso, kwati kwakuli nqi kwabo- nakela ukuba simoyisile, wabonakala encuma yedwa omdala. Savuya kakulu ukuba ukuba u Mr. Gr. Pamla wazuza yena ku Standard IV. bali 10. Kodwa tina ma Bhaca siti sisamakabe esiswini oka Pamla, ngani? kuba tina apa sizize abapumeleleyo bayi 13 ku Standard IV. Amagama abo ngawo la David Cimbi, Eliza Msindwana, Anna Msindwana, Sarah Zazaza, Dora Dikwayo, Saul Ngxo- la, James Kwababa, Meshech Cimbi, Jacobus Cimbi, Mark Makoba, Lydia Msindwana, Stephen Makaula, Petros Ndudane.—Standard III. 14. II. 23; I. 28, Below Standard 87. Ititshala zintatu— Head Master Mr. Albert M. White, first assistant teacher Mr. William Dikwayo, second assistant teacher and sewing mistress Miss E. I. King, Kummandi ukuba ukuba amadodana ahambisela pa- mbili emsebenzini awunikelwe ngu Tixo ukuba awenzele umsebenzi wake uzuko kwizizwe zobumnyama. Sibulela ngokukodwa ukubona u Mr. Albert M. White enyamekele kangaka ukufundisa uhlanga Iwakowabo, ama Bhaca ngokwa- ke. Yanga Inkosi umova olungileyo onjengalo wale unghallala 'uko kubo bo- nke abantu abasuluzukweni olunjengolwake.

AMAGWANGQA ase Sidutyini acela u Mr. John Leach, omkulu, obefudula

ese Manzi-Rara, ukuba angene kumny- dala lo uzakubako kwelipesheya kwe Nciba eliquka ela Batembu wokutunye- Iwa kommeli e Palamente. U Mr. Leach asimntu saka saluva emapepeni uluvo Iwake ngento ezipatelele embusweni, nangamaxesha amabi, ngoko ke asinanto singayitayayo ukukokela umzi mayelana naye.

Ipakati le Nkosazana no Tung' Umlomo.
Lencwadi iyazitsetela ngokwayo:—
Government House,
Cape Town,
27 August 1887.

Mr. F. Makwena,
Hon. Secretary,
P. E. Native Committee.
NKOSI: — Ndiyalelwe ngumhlekazi i Ruluneli ukuba ndivume ukwamkelwa kwencwadi yako yosuku lwama 25 kwe fileyo inyanga, itumela ucingo owawulutumele kwi Secretary of State, Ipakati le Nkosazana, ngokubhenela umteto wokubhalwa kwamagama abavoti bokunyula amalungu e Palamente, kunye nencwadi, eqinisa ucingo owawucela ukuba itunye- Iwe kulaulo lo Mntan' Omhle.

Incwadi yatunyelwa ngo Stemele ngosuku lwe 3 (sitatu) kule imiyi (inyanga) kanjalo ndiyalelwe ukukushumayeza okokuba u Mhlekazi wamkele ilizwi kwi Pakati le Nkosazana, elixela okokuba ucingo lwamkelwe nokokuba inyamake yonikwa nakuyipina indawo ongayingenisayo nge Ruluneli yale Koloni.

Ndinembeko yokuba Nkosi, Sisisaka sako esitobileyo Charles T. Dawkins, Pro. Private Secretary.

INGQUSHWA NO TUNG' UMLOMO.

Umbhaleli wetu ose Ngqushwa uti intlanganiso veso sithi ibihlangene ngo- lwesi- Hlanu (20 Aug.), yaza yaxoxa ngesibheni. Kute ngokungafiki kwenele ebilindilewe akwagqitywa nitweni noko. Yona intlanganiso iyavumelana nezinye indawo ngoluvo. Ite kodwa yanendawo yokupokela, ngokuti eyona nto ipambili mayise iba kukuba wonke umzi ontsundu upatwe, ulaulwe pesheya (England). Eyona intlanganiso iyakugqiba yeyakuba se Nqwebeni ngo 9 September. Utsho uti umbhaleli wetu, "Qonda, siyavume- lana nesibheni, kodwa siti bekunanina kwakucelwa indlela yokuba silaulwe e England. Lento ibanga ukuba side senjenjalo ukuteta kukudinwa lolulaulo lwase Kapa oluhlala lusikalisa." Ngenxa yemvula nemilambo ongamehlo e Mvo akabanga nakufikelela kwintlanga- niso ebise Cisira, kodwa wobako kweyase Nqwebeni.

IMPENDULO YE NKOSAZANA.

Umongameli we Komiti yamawetu ye Jubhili, u Rev. Charles Pamla wamkele kumantyi wesi Sitili, incwadi ewela kwi Pakati le Nkosazana etunyelwe kwi Ruluneli e Kapa; ipendula umbuliso owatu- nyelwa ngamawetu ku Mntan' Omhle. Yiyi lo
Downing Street,
22 July, 1887.

Cape of Good Hope
No. 58.
SIR,—Ndifumene imbeko yokuba ndikwazise ukuba ndiyamkele eyako incwadi, engu No. 71, yosuku lwe 8 Iwenyanga egqityileyo, itumela umbuliso wa Bantsu- ndu besithi sase Qonce nesase Komani, ubulisa Inkosazana kuba igqibe 50 imi- nyaka ilaula.
Yomibini lombuliso yandlaliwe pambi ko Mntan' Omhle, ondiyalele ukuba ze ndikucele ukuba utumele umbulelo wale ngenxa yento ezilungileyo anqwe- nelelwa zona kuyo lembuliso; uve wa- kolikese u Mntan' Omhle ukuba kuhle- liwe nje Abantsundu abangabantu bake base South Africa bayawabuka amalungelo abanawo pantsi kolaulo lamapatala ake.
Ndine mbeko, Mnumzeto,
Yokuba sicaka esitobekileyo sako, H. T. HOLLAND.
Governor
The Right Honourable
Sir Hercules Robinson, G.C.M.G. &c. &c.

ABALIMI NA BARWEBI.

- E MARKENI.
E QONCE (Sept. 6).
Ibhotolo, 1/1 to 2/3 ngeponti
Irasi, 2/ ngekulu
Amaqanda, 4d to 5d ngedazini
Irasi eluhlaza, 1/2 to 1/5 ngekulu
- Ihabile, 1/3 to 2/7 ngekulu
Isimili, 1/7 to 1/9 ngenxowa
- Umgubo, 4/6 to 7/3 ngekulu
Imbotyi, 2/ to 3/2 ngekulu
Inkuni, 6/ to 28/ ngefilara
- E RINI (Sept. 5).
Ibhotolo, 1/10 to 2/ ngeponti
Irasi, 4/ to 5/6 ngenxowa
Isimili, 2/6 to 2/9 ngenxowa
Imbotyi, 2/6 to 5/ ngekulu
Amaqanda, 8d to 9d ngedazini
- Ihabile, 3/11 to 4/6 ngekulu
Amazimba, 6/6 to 7/6 ngenxowa
- Umgubo, 12/ to 16/ ngenxowa
Umbona, 8/6 to 9/ ngenxowa
Itapile, 4/6 to 6/ ngekulu
Inkuni, 13/3 to 16/ ngefilara
Ihangu, 1/6 to 15/ inye
- E KOMANI (Sept. 3)
Inkuni, 23/ to 51/ ngefilara
Irasi, 1/1 to 1/4 ngekulu lezitungu
- Ihabile, 3/10 to 4/9 ngekulu
Umgubo, 6/ to 7/3 ngekulu
Isimili, 2/ to 3/6 ngenxowa
Itapile, 2/ to 4/6 ngenxowa Umbona, 5/3 ngenxowa
